ISIXHOSA SECOND LANGUAGE HG PAPER 1

Uninzi lwabafundie lwenze kakuhle kakhulu kulo nyaka. Nangona zikho iisenta ezimbalwa ezithe azaqhuba kakuhle konke konke. Ezinye kungenxa yokuba abafundi abafundiswanga kakuhle. Abafundi abaninzi abakakwazi nangoku ukushwankathela nokubhala amanqaku nokubala amagama afunekayo. Abafundi abaninzi bayedlula kumagama alindelelkileyo ze lo nto ibahluthele amaqaku. Ndicinga ukuba abanye abafundi kwa imiyalelo. Kweli candelo abafundi bakhuphela ulwazi olukwisishwankathelo lunjalo abasebenzisi awabo magama. Kanti ushwankathelo kukubeka olo lwazi ngawakho amazwi. Abafundi abaninzi baphulukene namanqaku amaninzi kweli candelo ngenxa yezi zinto ndizibhale ngasentla. Ndicebisa ootitshala babafundi ukuba basebenzise amazwi abo ukubhala amagama ngendlela eyiyo

Kwicandelo lokuqala uvavanyo lokuqonda abafundi abaninzi benze kakuhle kakhulu nangona bonke bathe babhidwa ukufumana impendulo eyiyo yombuzo 1.8. Kwicandelo lokusetyenziswa kolwimi zonke iisenta zenze kakuhle kweli candelo ngaphandle kweesenta ezimbalwa ezithe azenza dakuhle. Mhlawumbi ngenxa yokuba abafundi bebengalulungiselanga olu viwo ngokwaneleyo. Zikho iisenta ezenze kakuhle kakhulu. Sithi halala kuzo. Apho bonke abafundi baphumeleleyo. Okokugqibela, ndicela ootitshala baluqwalasele ushwankathelo balugxininise kubafundi xa bebahlohla.